



Unonophelo ngexesha le CORONA

Unonophelo kwabo banika unonophelo kwabanye



Bonke abantu abasebenza kumaziko ethu ezempilo badinga unonophelo olukhethekileyo. Basebenza phantsi kweemeko ezinobungozi ukusigcina sikhuselekile. Badiniwe kwaye baphantsi konxinzelelo olumandla ngokwasemoyeni nasengqondweni. Ezi zezinye zeendlela esingabanceda ngazo.



Nceda ngokutya

- Mabenzelwe ukutya.
- Khangela iziko lezempilo elikufuphi kuwe okokuba lidinga ntoni na, izinto ezifana neti, iswekile okanye amaqebengwane.
- Xa ubathengele izinto abazidingayo zishiye emasangweni ungangeni.



Bonisa ububele

- Sonke kufuneka sigcine imigama phakathi kwethu ukuze siqande ukunwenwa kwentsholongwane. Kodwa singanakho ukubonisa ububele ngezinye iindlela.
- Masithumele imiyalezo yenkxaso kwabo banika unyango nenkathalo ekuhlaleni kwethu.



Ootata babalulekile

Unintsi lwabantu abanonophela abanye, ngabantu ababhinqileyo. Ikwangabo nabanonophela abantwana neentsapho zapho.

- Botata, thabathani indawo nihoye abantwana nenze nemisebenzi yasendlini
- Ncedani abantwana benu ngomsebenzi wesikolo nakwezinye izinto ezenziwayo ekhayeni.



Fumana iinkcukacha ezichanekileyo

Unintsi lwabantu abanonophela abanye lusoloko luxinwa ngemibuzo. Zifumanele iinkcukacha ezichanekileyo nengcombolo ezisematheni kulemithombo ilandelayo.



Kuzo zonke izenzo zenu zokunonophela abanye, nikhumbule ukunceda ukunqanda ukunwenwa kwentsholongwane ye CORONA.



Makuhlanjwe izandla maxa onke.

Gcina umgama wokhuseleko phakathi kwakho nabanye.



Ungaphathi ubuso.